Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality
OVERSTRAND

P.O. Box 20, Hermanus 7200
www.overstrand.gov.za

	Telephone	Fax
Hermanus	028 313 8000	028 312 1894
Gansbaai	028 384 8300	028 384 0241
Kleinmond	028 271 8400	028 271 4100
Stanford	028 341 8500	028 341 0445

24-hour Emergency 028 313 8000/8111
Fire Brigade 028 312 2400

MATSHI 2017

Bulletin

Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni

I-SMALL SCALE EMBEDDED GENERATION *ISUKE KAKUHLE*

Iinyanga ezintandathu sezidlulile emva kokumiselwa kwesikhokelo se-Small Scale Embedded Generation (SSEG) yaseOverstrand. Kufunyenwe izicelo ezininzi kwaye nomdla uyakhula.

Isikhokelo saseOverstrand se-Small Scale Embedded Generation sinika ithuba bonke abasebenzisi abaneendawo ze-SSEG ukuba benze izicelo ze-grid-tied. Oku kuquka ukuba abasebenzisi abanjalo benze isicelo semvume kamasipala wokuba bafake i-meter e- "bi-directional" babuyekezwe ngeyunithi nganye ebuyiselwe kwamasipala kusetyenziswa ixabiso elamkelekileyo ngonyaka. Into ebalulekileyo ekufuneka uyigcine kukuba ube ungumsebenzisi oyi-NET. Oku kuthetha ukuba awunakubuyisela iiyunithi ezingaphezulu kwezo uzisebenzisayo.

Njengoko kuchaziwe apha ngentla isikhokelo i-SSEG sinika ithuba lokuba grid-tied, kodwa kusekho abasebenzisi abazitsalela ngokungekho mthethweni. Apha senza isicelo kubo bonke abasebenzisi ukuba mabaqinisekise ukuba bayifumene imvume efunekayo phambi kokuba banxibelelane nobuxhakaxhaka bethu. Ukususela ngomhla wo-1 Julayi 2016, izohlwayo ngokusebenzisa i-SSEG ngokungekho mthethweni ziqalise ngokomthethwana kamasipala wobonelelo ngombane. Oku kutsala umbane ngokungekho mthethweni kuza kujongwa ngendlela efanayo neyaluphi na uhlobo lokutsala ngokungekho mthethweni. Ukungayithobeli imithetho kamasipala kuya kukhokelela ekuqhawulweni kweenkonzo nomdliwo wokuphazamisana nombane.

Umdliwo wokuphazamisana nombane kunyaka-mali 2016/17 uhamba ngale ndlela ilandelayo:

E14	**UKUTSALA NGOKUNGEKHO MTHETHWENI / UMDLIWO NGOKUPHAZA MISANA NOMBANE (kuquka ukonakala okanye ukudlula kwe-DSM Hot Water Cylinder Control Unit)**			
E14A1	Xa uqala	R	3 409,00	Ayikho i-VAT
E14A2	Okwesibini (E14A1 x 2)	R	6 819,00	Ayikho i-VAT
E14A3	Okwesithathu nasemva koko (Ukuqhawulwa nentlawulo yokulungisa = intlawulo yetyala langaphambili iphindaphindiwe)	R	Intlawulo yamatyala angaphambili x 2	I-VAT VAT

E18	**I-Small Scale Embedded Generation (SSEG)** Le ntlawulo ifumaneka kuphela kunxibelelwano i-SSEG oluvunyelweyo xa abathengi betshintsha iibhokisi zabo ezincinci (kWh) kwamasipala, oko kuxhome-keke ekubeni ibhokisi abayithengayo iyadlula kweyabo (kWh). Eli xabiso liza kusebenza kuphela emva kokuba isikhokelo sakwaNERSA (National Energy Regulator of South Africa) sifunyenwe. Umsebenzisi uza kuhlala kwixabiso lakhe elisebenzayo kwaye oku kulandelayo kuza kusebenza:				
E18A2	Ixabiso elingenayo	c	54,00	61,56	ELITSHA ELITSHA

Isebenza kanjani imbuyekezo?

Umthengi uza kuhlawulela ukufakwa kwe-meter e-bi-directional ngokwamaxabiso kamasipala onyaka amkelweyo. Abasebenzisi abasebenzisa i-meter ezihlawulwa kwamasipala baza kuqhuba kanjalo ukuze abawuthenga ngekhadi umbane baza kuphindiselwa kwi-meter ehlawulisa kwamasipala. *Ityala lekhaya lesiqhelo i-SSEG liza kubonakalisa oku kulandelayo: (lingabikho ixesha lokusebenzisa)*

- Intlawulo esisiseko yenkonzo yenyanga
- Intlawulo yenyanga yobuxhakaxhaka
- Iindleko zokusebenzisa ngokwamaxabiso ayibhloko
- Iiyunithi ezibuyiselwe kwi-grid kamasipala x ixabiso elamkelekileyo (uyabuyiselwa)

Ukufumana ingcaciso eyongezelelekileyo, ngesikhokelo esipheleleyo nazo zonke iifomu cofa ku- http://www.overstrand.gov.za/en/documents/electricity Imibuzo ngokuphathelele koku ingathunyelwa kwiSebe lezoMbane kwamasipala kwifoni: 028 313 8000 / 028 384 8358 / 028-316 2630, okanye ungathumela i-imeyile ku-: enquiries@overstrand.gov.za

Nceda uqaphele, abathengi abanqwenela ukufakela i-SSEG nokuba ingakananai na mabazalise ifomu yokwenza isicelo ukuze imvume ebhaliweyo icelwe kuMasipala phambi kokuqala kwenkqubo, ukuthengwa kwayo nokufakelwa kwayo. Inkqubo yokwamkelwa kwesicelo sokufakela i-SSEG iza kwahluka, kuxhomekeke kubukhulu bayo nenqanaba lomsebenzisi.

Isicwangciso sikaMasipala waseOverstrand

seprojekthi yobuxhakaxhaka seminyaka emihlanu

UMasipala waseOverstrand uceba ukusebenzisa isicwangciso sakhe sokuphucula iindlela kule ndawo. UMlawuli woBuxhakaxhaka noYilo uStephen Müller unike iinkcukacha ngesicwangciso sikamasipala neengxoxo ezibanjwe neSebe leZithuthi nemiSebenzi yoLuntu (DTPW) malunga nokuphuculwa kuka-R43 phakathi kweOnrus neSandbaai nezidibanayo iOnrus/Kidbrooke neSandbaai.

Umnu. Muller uqinisekise ukuba kukho iiprojekthi ezimbini ezinkulu ezicwangciselwe iminyaka emihlanu ezayo. nye kukuqhubeka nendlela ehamba ecaleni eHermanus (kweli cala lingaselwandle kwindlela u-R43) ukudibanisa iidolophu ngokwakha ibhulorho yesibini kumlambo iOnrus.

Indlela esecaleni eHermanus yenye indlela eya ku-R43 kwaye ekugqibeleni iza kudibanisa iVermont, iOnrus, iSandbaai, iZwelihle,

iMount Pleasant neWestcliff kwiHermanus CBD neendawo ezimbini zoshishino zaseHermanus. Ie projekthi yinxalenye yesicwangciso esidityanisiweyo sezothutho sikamasipala ukususela kowama-2010 kwaye Ihambelana neOverberg District Mobility Strategy Concepts Report (Juni 2011).

- **Isigaba sokuqala** seprojekthi esaziwa njengeMbeki Road, sagqitywa ngowe-2013 kwaye sihamba phakathi kweendlela iSwartdam neSchulphoek. Esi sigaba sidle izigidi ezili-R13,3.
- **Isigaba se-2 siyaqhuba** kwaye si suka kwindlela iSchulphoek siye kwindlela iSandbaai ecaleni kwesitrato iBergsig. Esi sigaba siyinxalenye yokuphuculwa kweendlela zodederhu lweevenkile ezintsha eSandbaai. Umakhi wolu dederhu wakha esi sigaba.
- **Isigaba se-3** sisa kuquka ukuphuculwa kwendlela iBergsig ukususka kwindlela iSandbaai Main Road ukuya eOnrus River. Esi sigaba siza kuthatyathwa kunye nophuhliso lwethanga laseSandbaai.
- **Isigaba se-4** siza kuba kukwakhiwa kwebhulorho entsha kumlambo iOnrus ukwenzela ukuwelela kwiOnrus Main Road.
- **Isigaba sesihlanu** siza kuba kukuphuculwa kwendlela edibanisa iSwartdam Road neHermanus CBD. Kujongwe izinto ngezinto koku kudibanisa.

Intlawulo eqikelelwayo yale ndlela yaseHermanus imalunga nezigidi ezimalunga ne-R155. Ubonelelo ngemali lwale projekthi lufumaneka ikakhulu kwimirhumo yophuhliso nakwiMunicipal Infrastructure Grant (MIG). INkulumbuso yaseNtshona Kapa ibonelele ngemali yokwakha iindlela zenyawo nezeebhayisekile ecaleni kweMbeki Road. Umasipala ukwathetha neDTPW (iSebe leZothutho neMisebenzi yoLuntu) ngenjongo yoncedo olunokufumaneka.

Enye iprojekthi enkulu uMasipala waseOverstrand ajonge ukuyigqiba kule minyaka mihlanu sisibonelelo ngezothutho kuluntu lwaseHermanus ebisoloko icetywa kule minyaka ingama-20 idlulileyo. Iquka irenki yee-taxi zaseHermanus njengenxalenye yokuhlaziywa kweprojekthi yeCBD.

www.sars.gov.za
SARS At Your Service

UTYELELO LUKA-SARS E-HERMANUS
INDAWO: THUSONG CENTRE (HAWSTON)
IXESHA: 08: 00 KUSASA DE IBE NGU-15:00 EMVA KWEMINI
UMHLA: 07 & 08 MATSHI 2017

IZINDLU EZINTSHA ZIZISA IMIGCOBO KWIINTSAPHO

NgoLwesibini umhla we-7 Februwari 2017, uSodolophu waseOverstrand uRudolph Smith, uMphathiswa wezokuhlalisa uluntu waseNtshona Kapa uBonginkosi Madikizela nooceba abohlukeneyo banikezele izindlu kubantu abadala baseMshenxiswa Village eZwelihle.

Abahlali baseMshenxiswa Village, ebisakwaziwa ngokuba yi-'Garden Site' Housing Project eZwelihle, babhiyozile xa befumana izindlu ekukudala bezilindele kuMphathiswa weNtshona Kapa wokuHlaliswa kwabantu noSodolophu uAld Rudolph Smith noBonginkosi Madikizela ngomhla we-7 Februwari 2017.

Njengenxalenye yeprojekthi enkulu yokuphucula lindawo zamatyotyombe ezisixhenxe eZwelihle, le projekthi yokuphuhlisa iindawo zokuhlala ineeyunithi ezihlalisa abantu ngokushinyeneyo ezingama-58 ezibize izigidi ezili-R11. Yindawo yokuqala eOverstrand ehlalisa abantu ngokushinyeneyo kwaye ithathe iinyanga ezili-18 ukuyigqiba.

Ekugqibeleni abahlali bangazibiza njengamakhaya ezi zindlu zibukhulu bugama-40 m² - ikhaya elinekhitshi elikunye nendawo yokuhlala, amagumbi amabini okulala negumbi lokuhlambela neyadi.

Umnu. Lusiba Mzwandile wafaka isicelo sesibonelelo semali yendlu kwiminyaka engama-30 eyadlulayo namhlanje ebudala bungama-71 eminyaka okokuqala ebomini bakhe ube ngumntu ongumnini wendlu. "Ndiziva ndisikelelekile ukufumana indlu kwaye ndazi ukuba yeyam," utshilo uMzwandile. Ubulele wonke umntu obeyinxalenye yokuba afumane indlu.

Abasele bekhulile uWellington noSiyo Varoyi ababanga nakulufihla uvuyo lwabo xa bevula umnyango wendlu yabo entsha. UNolovile Manqeza, uVan noNovusile Ndzule, noMfundo noAlvet Sithetho nabo bebevuya njengabanye xa befumana izitshixo zabo zezindlu zabo. Bathe ibilusuku olumnandi ekukudala belulindele.

Kwintetho yakhe yokwamkela abantu uSodolophu uSmith ukhuthaze abanini-zindlu uthe "nize nizigcine kakuhle ezi zindlu zintsha - ngoku zizindlu zenu ngako oko kufuneka nizikhathalele".

USodolophu uSmith ucenge abafumene izindlu ukuba bangazithengisi izindlu zabo. "Ukuba uyithengisile iza kuba yilahleko enkulu kuwe nakwisizukulwana sakho. ndiyavuya ngokuba abantu ke ngoku beza kuba nendawo abaza kuyibiza ngebhongo ngokuba likhaya. Ekugqibeleni wena nabantwana bakho ninendawo ekhuselekileyo eninokubuyela kuyo ebusuku kwaye anixhomekekanga ngoku kusapho nabahlobo ngethuba lemozulu embi." utshilo.

Kananjalo wothulele umnqwazi kowayesakuba ngusodolophu phambi kwakhe uAld Nicolette Botha-Guthrie wabulela nomphathiswa, ooceba, iikomiti zeewadi, iikomiti zomanyaniso loluntu noluntu ngentsebenziswano yabo nomsebenzi wonke abawenzileyo ukuza kuthi ga ngoku ukuphucula umgangatho wobomi waba bahlali batsha.

'Izitshixo zendlu zivula amasango ngamasango ekamva elingcono'

Kwintetho yakhe ephambili uMphathiswa uMadikizela uthe ukusalela ngasemva kwezindlu eNtshona Kapa kuphakamile kwaye kuyakhula njengoko abantu besiya besongezeleka kweli phondo bekhangela ubomi obungcono nobukhuselekileyo ekungenzeka ukuba bafuna nemisebenzi.

"Ukuba ibhajethi iyasivumela siza kuqhuba sisenza iinzame kangangoko ukuqinisekisa ukuba kufumaneka amathuba ongezelelekileyo okubonelelela ngezindlu kwabo bamele kuzifumana - kodwa kufuneka xa sisaba izindlu siqinisekise ukuba zifunyanwa ngabantu abamele kuzifumana.

UNolovile Manqeza ukhangeleka esi siganeko sokwamkela Indlu yakhe ngokusesikweni simongamele. Ukunye noBonginkosi Madikizela noSodolophu uRudolph Smith.

Ukunikezelwa kwezindlu asiyonto izimele yodwa njengesicwangciso kwaye yinto ecotha kakhulu. "Ngoku sakha izindlu ngaxalinye siqalile ukufaka izibonelelo ematyotyombeni ukuqinisekisa ukuba siyabuphucula ubomi bomntu wonke okhethe ukuhlala eNtshona Kapa," utshilo.

Kuninzi lweendawo zamatyotyombe abahlali bajongana nemingeni yobomi esisiseko equka ukungabinazo izibonelelo zasendle namanzi, inkunkuma nemililo yamatyotyombe esoloko isonakalisa.

"Izitshixo zivula amasango ngamasango ekamva elingcono. Kwaye siyazi ukuba abarhafi, abantu abamkela phakathi kwama-R3 000 ne-R15 000 ngenyanga abanegalelo kuqoqosho abanalungelo lendlu esimahla kwaye abanakubolekwa mali yibhanka.

UMfundo Mpempe Sithetho nenkosikazi yakhe uAlvet ekunye noSodolophu uRudolph Smith noSekela-Sodolophu uDudley Coetzee.

"Ngako oko ayikokwakha izindlu nje kuphela koko kukudlulisela umhlaba ebantwini. Sifuna ukuba ngobuninzi kangangoko abantu mabanikwe ithuba lokuba nomhlaba.

"Kungeso sizathu singenakubanyanzela abantu ukuba bathengise imihlaba yabo ingakumbi ngoku ngeli xesha izindlu zithengiswa kakuhle kwaye sibakhuthaza abantu ukuba bathathe inxaxheba ekuthengisweni kwezindlu.

"KODWA abantu mabaliqonde IXABISO lendlu kwaye kufuneka sithethe ngale nto sibafundise bonke abahlali. Abanini bemihlaba abatsha kufuneka baqiniseke ngexabiso lezindlu zabo phambi kokuthatha isigqibo sokuthengisa.

"Ndisuka kwinto yokuthengiswa kwendlu ithengiselwa abantu ababini," utshilo uMadikizela. "Kananjalo asinakubavumela abantu ukuba bathengise izindlu zabo nge-R10 000 babuyele etyotyombeni. Ngako oko ukweyona meko yakha yambi kunangaphambili."

• Ukunikezelwa kwezindlu eMshenxiswa Village luphawu lokugqitywa kwesigaba 1 se-Upgrading of Informal Settlements Project (UISP). Ikwaquka nokusungulwa kwe- (BNG) kwiziza ezithathu iMshe Village, iSite C2 ecaleni kweSwartdam Road (iiyunithi ezili-132) neHousing Admin Site eStil Street (iiyunithi ezili-164).

ISIMEMO KUMBONISO WENKUNKUMA

U-Whale Coast Conservation (iNGO exhaswa nguMasipala waseOverstrand) usungula Inkqubo yeenyanga ezi-2 zenkunkuma. Injongo kukwenza abahlali bazi ngeengxaki ezibangelwa yinkunkuma neendleko zokuyilahla. Ikwanika iingcebiso eziluncedo zendlela ongayicutha ngayo inkunkuma oyivelisayo. Eli phulo liza kusungulwa kumsitho oza kuthatha imini yonke ngoLwesithathu umhla wo-1 Matshi 2017 (09.00 ukuya kweye-16.00) phambi kweOdithoriyam kaMasipala. Iingcali ziza kunika iinkcukacha ngenkunkuma nangeendlela zokuyicutha. Izifundo nemiboniso iza kulungela abatsha nabadala. Wonke umntu wamkelekile kwaye akukho ntlawulo. Lo msitho uhlawulelwa yiNational Lotteries Commission. kuza kuba kho iti nekof. Xa ufuna ingcaciso eyongezelelweyo nceda unxibelelane noWhale Coast Conservation 028 316 2527 okanye u-wcc.greenhouse@gmail.com okanye u: anina.wcc@gmail.com.

I-OVERSTRAND ARTS/KUNSTE IZA KUBA NEEKHONSATHI EZIMBINI NGOMATSHI



Okokuqala, ngoLwesihlanu ebusuku, ngomhla we-17, ngeye-19h00 ikhonsathi yabathu engaqhelekanga apho ukufudumala kokuxutywa kwe-viola ne-cello kuza kungqubana nepiyano. Umdlali wepiyano ovela ePoland uJoanna Wicherek, umdlali we-cello ovela eMelika uCaleb Vaughn-Jones nomdlali we-viola ongowaseMzantsi Afrika uNicholas James Fidler beza kudla iBrahms' virtuosic Trio Op. 114 neAlexey Kurbatov's Trio for viola, cello and piano op.31 phakathi kwezinye. Emva kwemini ngeCawe umhla wama-26 ngeye-15h30 ungambukela umdlali weqonga ulline Fourie eseqongeni edlala kuSharrap, en eet jou kos! - umdlalo ohlekisayo odlalwa ngowasetyhini omnye ongesiAfrikansi xa edlala phambi kwabathengi abeesebenza kubo njeweyital. *Ungakuphosi lo mboniso uhlekisayo! Yomibini le miboniso iza kuba seCivic Auditorium. Fonela eBELLINI ku-028 312 4988 ucele ukubekelwa amatikiti (R130 nama-R60 kubafundi). Fonela uRené du Plooy ku-082 940 4238 ufumane ingcaciso eyongezelelekileyo.*

I-tsunami enkulu yeplastikhi kunxweme lwethu

Okubonakala kumntu wonke kutyekezelwe ngaphandle kunxweme lolwandle lwethu iplastikhi ngumbono owoyikekayo oyinto nje encinci yoko kwenzeka kwiilwandle zehlabathi.

Njengomntu oqhele ukuhamba elwandle encedisa ekucoceni unxweme ndingayichaza ngodano olukhulu into yokuba imeko iya iba mbi kakhulu.

Ngeli xesha sisothuka oku kungcolisa kweplastikhi kumanxweme ethu ingangumzekelo wento eza kwenzeka xa umntu ecinga ngeengxelo ngamanxweme eIndiya, eHawaii naseIndonesia, umzekelo.

Ndiyazi ukuba uyazi ukuba ama-85 ukuya kuma-90% enkunkuma yaselwandle yiplastikhi kwaye ukuqwalasela ukuba iplastikhi yavela ngeminyaka yoo-1950 kodwa ngoku umonakalo oyenzayo uyoyikisa.

Malunga nezigidi ezingama-300 eetoni zeplastikhi ziyaveliswa qho ngonyaka ukuze ama-50% ibe yiplastikhi esetyenziswa kube kanye. Oku kufuneka sikucuthe kakhulu. Qho ngonyaka ziitoni ezizizigidi ezisibhozo zeplastikhi ephelela elwandle ize ibole ibe zizicwibi ezincinci ezingathi yinto yokuhombisa. Ezi zicwibi zikhupha ii-thoksini ezingena elwandle zenze ukungcola. iintaka neentlanzi zitya ezi zicwibi zisenza impazamo zicinga ukuba kukutya. Umee ukuba sowuqashisile ukuba zizinto eziphilayo eziphambili ekutyeni iplastikhi elahliweyo. Injani ukuba yimpoxo loo nto?

Ungenza ntoni? Khetha ezinye izinto endaweni yeplastikhi. Khetha izinto ezifana neglasi, ingca, imveliso ye-bamboo neyomwoba. yala ukuthenga izinto ezibotshwe kakhulu. Thenga iziqhamo nemifuno engabotshwanga. Lumkela i-polystyrene kwiindawo zokutya okukhawulezayo. Inkunkuma yilahle ngendlela enenkathalo, uyisebenzise kwakhona apho oko kunokwenzeka. *Xa ufuna Izimvo ezongezelelekileyo neenkcukacha tyelela uFacebookpages of 'Rethink Single Use Plastics', 'Reduce waste to landfill' and 'Blight of Plastic'.*